

## **INGXELO KAMONGAMELI KWIMIZAMO YOKULAWULA UBHUBHANE I-COVID 19**

15 MARCH 2020

Bemi boMzantsi Afrika,

Ndzokuthetha nani ngobu busuku ngesimo esibaluleke kwilizwe jikelele.

Umhlaba wonke jikelele ujamelene nesifo esinobuzaza, obungakhange bubonwe kule nkulungwane sidlula kuyo.

Umbutho wezeMpilo kwilizwe jikelele uthathe isigqibo sokuba i-*corona virus* uyazise njengobhubhane emhlabeni wonke.

Ukuza kuthi ga ngoku bangaphezu kwama 162 000 abantu abasele bechaphazelekile yile ntsholongwane emhlabeni.

Xa ubani ejonga isantya sokosuleleka yile ntsholongwane, kuyacaca ukuba alikho ilizwe elizakusinda kulo bhubhane nakubuzaza besi sifo.

Kule minyaka yentando yesininzi, zange ilizwe lethu lijamelane nomngeni onje ngalo.

Sukela ekugqabhakeni kwawo lo bhubhane e-*China* ekuqaleni konyaka ilizwe loMzantsi Afrika, liye lazimisela ukubavavanya bonke abo bangenayo, ukuzama ukunqanda ukosulelana nokuzama ukunyanga abo bathe bachaphazeleka.

Ngelishesha uMzantsi Afrika unabantu abangama 61 abasele bechaphazelekile yile ntsholongwane, kwaye eli nani kulindeleke ukuba lonyuke kwezi ntsuku neeveki ezilandelayo.

Ekuqaleni, ibingabantu ebebetyelele kumazwe angaphandle abachaphazelekileyo yile ntsholongwane, ukakhulu e-*Italy*.

Ngoku eyona nto eyenza ixhala kukuba, ngoku sijamelene nolwasuleleko olu lapha ngaphakathi.

Le meko ifuna sizikise ukucinga phambi kokuba senze, kwaye ukwenza kwethu ibe kokugqibeleleyo.

Amalungu aseburhulumenteni aye abamba umhlangano namhlanje (15 March 2020).

Ngenxa yobuzaza bale meko, nemigaqo esizakuyibeka, ndiye ndadlana indlebe nenkulumbuso zamaphondo.

Sigqibe ekuthatheni amanyathelo akhawulezileyo kwilinge lokuzama ukulawula esi sifo, ukuze sikhusele abantu, sithobe ifuthe nobuzaza bale ntsholongwane, ebantwini nasezimalini zelizwe.

Ngoko ke siye sapapasha ukuba uMzantsi Afrika jikelele ujamelene nomngeni, ngokomthetho olawula iintlekele obizwa i-*Disaster Management Act*.

Oku ke kuzakusincedisisa sikwazi ukwenza amatile-tile athungelanayo ekulawuleni le ntlekele, ukukhusela nokuthoba ifuthe lalo bhubhane.

Sikwazi nokumisela izitishi zoncedo lokuqala ukuze siqubisane nobuzaza besi sifo.

Emva kwengqwalasela nokuphicotha ubuzaza besi sifo emhlabeni jikelele, nalapha eMzantsi Afrika, urhulumente ugqibe ekuthatheni lama nyathelo alandelayo:

Okokuqala, kukucutha ukudibana okanye unxulumano phakathi kwabo banokuthi kanti bechaphazelekile kunye nabemi boMzantsi Afrika.

Abantu abaphuma kumazwe anomgcipeko ophezulu njengase *Italy, Iran, South Korea, Spain, Germany, America, United Kingdom* kunye ne *China* abavumelekanga eMzantsi Afrika ukususela ngomhla we 18 March 2020.

Sikuvalile ukunikezelwa kwamaxwebhu avumela ukundwendwela (visas) eMzantsi Afrika ukususela namhlanje (15 March 2020) kwaye nabo bebesele bewafumene lo maxwebhu awasayi kwamkelwa.

Ukususela ngoku, abemi beli bayacetyiswa ukuba bangandwendweli kumazwe e-*European Union, United States, United Kingdom* nakumanye amazwe abalwe njengalawo anomgcipeko ophezulu.

Urhulumente uzakuqhubeka epapasha izilumkiso ngamazwe neengingqi ezinomgcipeko ophezulu ngokuhamba kwexesha.

Ummi wangaphandle oye wandwendwela kula mazwe anomgcipeko ophezulu kwezintsuku zingama 20 zidlulileyo akasayi kuwafumana amaxwebhu okungena kweli lizwe.

Abemi baseMzantsi Afrika abavela kula mazwe anomgcipeko ophezulu bazakuvananywa ze banyanzeliswa ukuba bazigcine bucala okanye bayokuhlala kwiziko eli gcina abo barhanelwa ukuba bachatshazelwe.

Abahambeli abavela kumazwe anomgcipeko ongekho phezulu afana ne- *Portugal* kunye ne-*Singapore* azakunyanzeliswa ukuba angene phantsi kovavanyo olumandla.

Bonke Abahambeli abangene eMzantsi Afrika phakathi ku-February abasuka kumazwe anomgcipeko ophezulu bazakucelwa ukuba baye kuvavanyo.

Sizakuqinisiza ingqwalasela, nemigaqo yovavanyo kumaziko ophapho i-OR Tambo, *Cape Town* and *King Shaka (International Airports)*.

UMzantsi Afrika unamazibuko okungena angama 72, awohlaba, awolwandle nawophapho.

Kwangama 53 asemhlabeni, angama 35 azakuvalwa ukususela ngoMvulo umhla we 16 March 2020.

Kula asi 8 aselwandle ama 2 azakuvalwa kubakhweli nabaphangeli (*crew*).

Ukususela ngoku (15 march 2020) iihambo ezingangxamisekanga zaseburhulumenteni eziphuma ngaphandle koMzantsi Afrika azivumelekanga.

Sikhuthaza abemi ukuba bangazithathi iihambo zalapha ekhaya ezinganyanzelekanga ngophapho, ngololiwe (*train*), iteksi okanye ibhasi.

Okwesibini, kubalulekile ukuba sithobe iqondo lokosuleleka ngokucutha unxulumano/ ukudibana phakathi kwamaqela abantu.

Nangona sikuqonda ukubaluleka komnotho, inkolo nenkcubeko eluntwini, kumele siqonde ukuba intsholongwane ye- *corona* isulela xa kukho unxulumano/ ukudibana kwamaqela abantu.

Njengokuba besesithilo ngaphambili, le meko inyanzelisa ukuba sizikise ukucinga ukuze siqande ukonyuka kwamanani okosuleleka. Amazwe ayilandeleyo le migaqo aqubisene bhetele kakhulu nesi sifo kunalawo angakhange ayihoye.

Ngoko ke, kwimizamo ekhuthaza ukuba abantu bangaxulumani/ bangadibani urhulumente ugqibe kule migaqo ilandelayo:

Iindibano ezinabantu abagqithileyo kwi 100 azivumelekanga.

Imibhiyozo enabantu abaninzi efanane ne *Human Rights Day* neminye imibhiyozo yaseburhulumenteni ayisayi kubakhona.

Kwindibano ezincinci ezingenakumiswa, abaququzeleli kufuneka bathathe amanyathelo okuqinisekisa ukulawuleka nokuthotyelwa kwemigaqo yokhuseleko.

Iziko zizakuvalwa ukususela ngoLwesithathu umhla we 18 March 2020, ze zivulwe emva kwePasika.

Ukubuyisa ixesha elilahlakileyo iziko zizakuvulwa kwiveki ephambi kwale kuqhele ukuvulwa ngayo ngeholidi zaphakathi enyakeni.

Urhulumente usebenzisana neekholeji, needyunivesiti, nawo onke amanye amaziko kawonke-wonke njenge Palamente, iitologo, izitishi zamapolisa, iinkampi zamajoni, ukuba ziqinise imigaqo yezempilo.

Ukususela namhlanje ukundwendwela abo baseluvalelweni kusanqunyanyisiwe kwezintsuku ziyi 30 zilandelayo

Urhulumente unolwazi ngomfundi wase Wits University ochatshazelwe yilentsholongwane.

Abo bathe banoxulumano nalo mfundi bazakusiwa kwiziko lokubagcina bucala, apho kugcinwa abo barhanelwa ukuba bachaphazelekile.

UMphathiswa weMfundo Ephakamileyo kunye nobuGcisa (*Minister of Higher Education, Science and Innovation*) ukwingxoxo namasekela baphathi (*Vice Chancellors*) beedyunivesithi nabaphathi beekholeji, ukuze bakhuphe imigaqo ezakulandelwa ngala maziko.

Sihlaba ikhwelo kumashishini, kuquka imigodi, omathenga-athegise, iibhanki, amafama ukuba baqinisekise ukuba bathathe onke amanyathelo okuqinisa ukhuseleko nezempilo.

Sihlaba ikhwelo kwabo bangaphathi kudederhu lwevenkile (*malls*), kwindawo zolonwabo nakwezinye indawo apho kubakho abantu abaninzi, ukuba bathathe amanyathelo okuqinisa ukhuseleko nezempilo.

Okwesithathu, ukuqinisa ezempilo:

Urhulumente uqinisa iindlela zokuqwalasela ukhuseleko novavanyo.

Sikwiphulo lokumisela iindawo ezizakugcina bucala abo barhanelwa ukuba bechaphazelekile, kwiingingqi nomasipalati.

Kwenziwa imizamo eluqilima kumaphondo onke ukuze izibhedlele ezizakugcina abo bachaphazelekileyo zikwazi ukumelana nomthamo.

Sinyuse ikawusi ukuzama ukufumana abo bathe banxulumana/ badibana nabo barhanelwa ukuba bachaphazelekile.

Sisebenzisana namaziko abucala ukumisela iindlela kazwelonke yokukhangela abo bathe badibana nabo bachaphazelekileyo.

Kungoko ke sizimisele ukukhupha ulwazi neengcebiso ngezempilo nokhuseleko.

Sithi ke kubemi beli bonke:

- Hlamba izandla rhoqo ngamanzi anesepha okanye ngezibulali-ntsholongwane zokuhlamba izandla (*hand sanitisers*) iisekondi ezingaman-20 ubuncinci.
- Gquma impumlo nomlomo ngetshefu/ ilaphu xa ukhohlela okanye uthimla okanye uzigqume ngengqiniba yakho.
- Zama ukuzigcina kude kubantu ababonakalisa iimpawu zomkhuhlane.

Eneneni, sithi abantu mabatshintshe uhlobo lokwenza izinto.

Sizama ukuhlisa unxulumano/ ukudibana kwabantu, kwaye sikhuthaza ukubulisana ngengqiniba, hayi ukubambana/ukuxhawulana ngezandla.

Ngenxa yobuzaza nesantya sokosulelana, urhulumente uzakuncedisa ngemali kumaziko ancedisana norhulumento ekuqubisaneni nalo bhuhane we *corona*.

Ukususela ekugqabhukeni kwalo bhuhane, imizamo yokuwulawula iququzelelwa yiKomiti yabaPhathiswa bakarhulumente, ekhokelwa nguMphathiswa wezeMpilo uGqirha Zweli Mkhize.

Sibothulela umnqwazi kumsebenzi omkhulu kangaka sele bewenzile, kunye namanye amaqumrhu asebenzisana nabo ekunqwanqwadeni isizwe sethu kweli xesha lokungaqiniseki loyikisayo.

Kwimizamo yethu yokuqinisa lamatile-tile, sigqibe ekumiseleni isigqeba sikazwelonke (*National Command Council*) esizakukhokelwa nguMongameli.

Amalungu esi sigqeba ngabaPhathiswa abazakudibana kathathu ngeveki, ukuze banike umkhomba ndlela kwizinto ekumele zenziwe.

Bemi baseMzantsi Afrika,

Lo bhuhane uzakuba nefuthe ebomini nasezimpilweni zabantu bethu, kodwa le *COVID-19* izakuba nefuthe elibi kakhulu kwisimo somnotho.

Kwezi veki zimbalwa zidlulileyo sibone ukwehla okukhulu kumandla omnotho wamashishini esirhweba nawo, nokwehla okumandla kwezokhenketho emhlabeni jikelele, nokubankene-nkene kweemakethi.

Kulindeleke ukuba ukurhwebelana namazwe angaphandle, nezokhenketho kungehla kakhulu xa imizamo yokhuseleko ingasebenzi, kwaye namanani okosuleleka esonyuka.

Esi sifo sizakubanefuthe elibi kwimveliso, ekugcineni amashishini esenza ingeniso ekugqibeleni elo futhe lizakuchaphazela kwaye liphazamise amathuba emisebenzi.

Kungoko ke urhulumente eququzela ezama ukudibanisa icebo lokuba sikwazi ukulawula ifuthe lalo mngeni kwezezimali.

Cebo elo, lizakuquka imali nezinye izinto ezinokunceda, elo cebo lizakuqukunjelwa ngentsebenziswano phakathi kwabamashishini, isebe lezemisebenzi kunye nawo onke amanye amaziko.

Kucacile ukuba esi sifo sizakwenza umonakalo omkhulu.

Uxanduva lwethu kukukhusela impilo nobomi babo bonke abemi boMzantsi Afrika, sizame ukuwagcina esezantsi amanani okosuleleka, ze siqinisekise ukuba abo bathe bachaphazeleka bafumana unyango olusemgangathweni.

Ngeli xesha sijamelene nalo mngeni wesifo esosulelayo, mhlawumbi obona bungozi bukhulu luloyiko nolwazi oluncinci.

Kumele sibuqonde ubuzaza obuziswa sesi sifo, kumele sijonge nexhala elihamba naso, kodwa masingavumeli ukuba ngamabhetye-bhetye axhatshazwa luloyiko.

Kwaye zesingasazi indaba ezingeyonyani, ngoba sizakudala inkxalabo noloyiko.

Nakubeni sijongene nemeko embi ngoluhlobo, kodwa asinakulahla ithemba.

Sinalo ulwazi namandla okusilwa esi sifo.

Ukuba siphakama sonke, ngentsebenziswano singalithothisa ifuthe lale ntsholongwane kubantu besizwe sethu.

Nangona sicebisa ukuba abantu baqhelelane, esi sifo sinawo amandla okusimanya.

Masime kunye ukuze siqubisane notshaba lwethu sonke.

Le ntlekele kazwelonke inyanzelisa ukuba sisebenzisane kwaye simamelane.

Ngaphezulu ifuna ubunye novelwano.

Abo baneentsiba bayacelwa ukuba bancede abo bangathathi ndawo kunye nabo babuthathaka ngokwasempilweni.

Onke amasebe aseburhulumenteni azawudibana ekukhokeleni lo msebenzi, kodwa impumelelo ilele ekubeni zonke iinkampani, imibutho yabasebenzi, imibutho yesisa, iidyunivesiti, iikholeji, imibutho yenkolo, imibutho yonoteksi nayo ilisabele eli khwelo.

Sibamba ngazo zozibini kwabo bebezirhanela ukuba bachaphazelekile ngokuza ngaphambili ukuze bavavanywe, nangokwenza imizamo yokuzigcina kude kwabanye abantu ukuze banqande ukosusleleka kwabanye.

Sithi maz'enethole kumaqela akhokela imizamo yokulawula ifuthe lesisifo ngokubeka impilo zabo emgcipekweni kuba bezama ukusindisa abanye.

NgoMgqibelo samkele ama 104 abemi balapha ekhaya ebebevela kwisixeko sase *Wuhan, e-China*.

Sibulela kweliqela ngomsebenzi omkhulu kangaka abawenze, ngokuzithoba nokuzimisela okukhulu, wokubuyisela aba bantu kwintsapho zabo.

Lo msebenzi ubeyimpumelelo kwaye abo babuyisiweyo bahleliswe kwiziko eligcina bucala abo kurhaneleka ukuba bachaphazelekile.

Sibulela amalungu omkhosi angonompilo, abaqhubi benqwelo-ntaka nabo bonke abancedisileyo kulo msebenzi.

Sibulela ubunkokheli nabahlali basePolokwane naseLimpopo ngokwamkela ngezandla ezifudumeleyo abanye abemi balapha ekhaya.

Sibulela nakubasebenzi nabaphathi behotele i-*Ranch* ngokwamkela abantu balapha ekhaya, siyababulela nangokuvuma ukuhlaliswa kweliziko lokugcina bucala abo banokuba kanti bachaphazelekile.

Sithi maz'enethole kwiinkampani, imibutho nabantu abathathe uxanduva lokupapasha ulwazi ngalo bhubhane.

Sithi enkosi kumashishini athathe amanyathelo okuqinisekisa ukhuseleko lwabasebenzi bawo, nemibutho yabasebenzi eqinisekise ukhuseleko lwama lungu awo.

Abaphathiswa abahamba phambili ekuququzeleleni le meko bazakunika ingxelo ethe vetshe ngomso (16 March 2020).

Bemi boMzantsi Afrika, lo nguwo umzuzu wokubonisa eyona ntsingiselo kaThuma Mina.

Ndinethemba lokuba abantu bethu bazakulisabela ikhwelo le ntsebenziswano.

Bemi boMzantsi Afrika,

Lobhubhane naye uyedlula.

Kodwa ke ilele kuthi into yokuba esi sifo sizakugqugqisa kangakanani na, nokuba umnotho wethu uzakubuyela nini kwisimo sokomelela.

Liyinene elokuba sijamelene nentlekele enkulu.

Kodwa ukuba siyasebenzisana, siqala ngoku ukusebenza sizakusoyisa esi sifo.

Ndiyabulela.